



Ikhompyutha ifana nengqondo yomntu.


Ithabatha iinkcukacha yaye isebenza ngeenkcukacha.

Igcina iinkcukacha ize iphinde inikezele iinkcukacha.




Xa ikhompyutha isebenza ngeenkcukacha sithi ihambisa iinkcukacha.

Xa ikhompyutha igcina iinkcukacha sithi igcina iinkcukacha kwingqondo yayo.



Naxa uyicima ikhompyutha izixhobo zokusebenza ezihamba nayo zigcina iinkcukacha kwingqondo yayo.

Isixhobo esihamba nekhompyutha sifumaneka ubukhulu becala ngaphakathi kwikhompyutha.



Ifleshidrayivu okanye ifleshistikhi igcina iinkcukacha njengesixhobo esixhasa ukusebenza kwekhompyutha.

Ifleshistikhi ifakwa kwikhompyutha.



Sisebenzisa uluhlu lweenkqubo ukuze sisebenze ngeenkcukacha.


Uluhlu lweenkqubo luhambisa luze lugcine iinkcukacha kwikhompyutha.

Kukho iintlobo ngeentlobo zeenkqubo zemisebenzi eyahlukeneyo.




Izinto ekusetyenzwa ngazo kwiminxeba (kwiismatifowuni) luluhlu lweenkqubo.

Isishunqulelo / isifinyezo sendlela yokusebenza kwesixhobo sekhompyutha sithi yi-*app*.




Kukho izinto ezisetyenziswayo zokudlala imidlalo kwakunye nemidlalo eyonwabisayo, kuthiwa zii-*apps*.



Ungagcina iincwadi ezininzi kwikhompyutha.

Utyhila amaphepha encwadi ngokucinezela iqhosha okanye utyibilikise umnwe kwiskrini.



Ikhompyutha neintanethi zinxulumene yaye ziluncedo xa ufunda.

Ungasebenzisa i-intanethi uze ubukele ootitshala befundisa izifundo.



I-intanethi ingayindawo enobungozi.

Cela umntu omthembileyo akuncede xa usebenzisa i-intanethi naxa undwendwela iiwebhusayithi ezintsha (iziza zolwazi).

## ——Imibuzo

1. Kukuthini ukuhambisa iinkcukacha (*processing*)?
2. Ikhompyutha izigcinaphi iinkcukacha?
3. Nika umzekelo wesixhobo sokugcina iinkcukacha.
4. Uluhlu lwenkqubo zekhompyutha lusinceda njani?
5. Kutheni sidinga i-intanethi xa sisebenzisa ikhompyutha?
6. Chaza ukuba kutheni lento ikhompyutha ifaniswa nengqondo?
7. Fumanisa ngee*apps* ezimbini onokuzisebenzisela ukuphucula indlela ofunda ngayo.
8. Yenziwe ngantoni iwebhusayithi?

Le ncwadi yenye kuluhlu lweencwadi ezine ezigxile kubuchwepheshe bale mihla siphila kuyo.

Le ncwadi yayilwa yaza yabhalwa njengenxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu eyiprojekthi yokufundwayo kuka2021.

